

Mhlekezzi/Nenekazi elithandekayo,

I-THARISA MINERALS (PTY) LTD

ISISHWANKATHELO SENGXELO YOHOLO LWEFUTHE LEPROJEKTHI EPHAKANYISWAYO YOKONGEZA KWENKUNKUMA YELITYE E-THARISA MINE Kwindalo Esingqongileyo

1. INTSHAYELELO

Esi sishwankathelo sikukrobisa kwiNgxelo Yohlolo Lwefuthe Kwindalo Esingqongileyo equlunqwe yaza yayasazwa ukwenzela ukuba iqwalaselwe kuze kubekho abahlomlayo ngayo njengexalenye yenkqubo ye-Scoping and Environmental Impact Assessment process (S&EIA) eqhutywa ukwenzela inkqubo ebumbeneyo yesiGunyaziso seNdalo Esingqongileyo e-Tharisa Mine.

I-Tharisa Minerals (Pty) Ltd (Tharisa) ngumgodi ovulekileyo ovelisa ikhrowumu kunye nomdibaniso weqela lesinyithi kwiplatina. Lo mgodi ubusebenza ukususela ngo-2008. Lo mgodi uvulekileyo umi kwiifama 342 JQ ne- 467 JQ, kumazantsi eDolophu yaseMarikana Town, kwiPhondo laseMntla Ntshona.

Ukwembiwa kwemigodi kwenziwa kumacandelo amabini emigodi, oko kukuthi i-East Mine ne-West Mine, kusetyenziswa iilori neenkqubo zokwemba. La macandelo mabini omgodi ahlulwe yi-Sterkstroom River ne-D1325 (eMarikana Road). Inkunkuma yelitye evela kwiindawo ezombiweyo iyapakishwa kwi-Waste Rock Dumps (WRDs) kwaye enye inkunkuma elahlwayo yelitye iye yaqhubeka e-East Mine. Izakhelo ezingundoqo zomgodi okhoyo ziquka ii-haul roads, i-run-of-mine, ai-concentrator complex, nezinye iindumba ezahlukeneyo zemveliso, iindumba zomhlabe ophezulu, ii-WRDs, ii-Tailings Storage Facilities (TSFs) neendawo ezincedisa umgodi njengeeofisi, indawo zokusebenzela, iindawo zokutshintshela neendawo zokulawula abangenayo nabaphumayo.

I-Tharisa inezi Environmental Authorisations (EAs) nezi layisenisi zilandelayo:

- I-Mining Right (MR) (Inombolo Yereferensi.: 358 MR) ekhutshwe yi-Department of Minerals and Energy (DME) (ngoku eyi-Department of Mineral Resources and Energy (DMRE)) ngowe-19 September 2008 yaza yahlengahlengiswa ngoJulayi 2011;
- Ephuculweyo (i-Environmental Management Programme (EMPr) (Inombolo yereferensi.: NW 30/5/1/2/3/2/1/358EM) eyakhutshwa yi-DME (ngoku eyi-DMRE) ngowe-19 Septemba 2008;
- I-EA (Inombolo Yereferensi.: NWP/EIA/159/2007) ekhutshwe yi-Northwest Department of Agriculture, Conservation and Environment (DACE) (ngoku eyi-North West Department of Economic Development, Environment, Conservation and Tourism (DEDECT) ngowama-23 Oktobha 2009;
- I-EA (Inombolo Yereferensi: 14/12/16/3/3/2/408) ekhutshwe yi-Department of Environmental Affairs ngowe-15 Novemba 2012;
- I-EA (Inombolo Yereferensi: NWP/EIA/50/2011) ekhutshwe yi-Northwest DACE (ngoku eyi-DEDECT) ngowe-29 Aprili 2015;
- Isihlomelo se-Environmental Impact Assessment (EIA) ne-EMPr (Inombolo Yereferensi: NW/30/5/1/2/3/2/1/358EM) ekhutshwe yi-Department of Mineral Resources (DMR) (ngoku eyi-DMRE) ngowe-24 Juni 2015;
- Isihlomelo kwi-EIA ne-EMPr (Inombolo Yembekiselo: NW/30/5/1/2/3/2/1/358EM) ekhutshwe yi-DMR (ngoku eyi-DMRE) ngoe-14 Agasti 2020 - iWaste Water Treatment Plant;

- Isihlomelo se-EIA ne-EMPr (Inombolo Yereferensi: NW/30/5/1/2/3/2/1/358EM) ekhutshwe yi-DMR (ngoku eyi-DMRE) ngowe-14 Agasti 2021 – Ukwandiswa Kwesakhono Sokugcina Amafutha Namanzi Amdaka;
- ICandelo 24G EA (Inombolo Yereferensi: NW/30/5/1/2/3/2/1/358EM) ekhutshwe yi-DMRE ngowe-10 Agasti 2021; kunye
- Nehlaziyiweyo i-Integrated Water Use Licence (IWUL) ((Inombolo Yelayisenisi 03/A21K/ABCGIJ/1468) ekhutshwe liSebe Lamanzi Nogutyulo ((DWS) ngoNovemba 2020.

Njengexalenye yokucebela umgodi okuqhubekayo, iTharisa ubone imfuneko yokuba novimba wamatye ayinkunkuma owongezelekileyo esayithini (ekubhekiselwa kuwo njengeProjekthi Ephakanyiswayo). Ngenxa yalo nto, iTharisa ifaka isicelo kwi-Department of Mineral Resources and Energy (DMRE) se-EA edityanisiweyo nesokuhlaziya kwe-EMPr ekhoyo ngoku yalo mgodi. Ngoku kuphakanyiswa le misebenzi ilandelayo:

- Ukwandiswa kwe-Far West WRD 1 ekhoyo negunyazisiweyo nge-109 ha. Lo mhlaba wandisiweyo uzakubizwa ngokuba yi-West Above Ground (OG) WRD. Iinxalenye ze-West OG WRD ziza kuba kwiindawo ezidityiweyo ze-West Pit; kunye
- Nokusungulwa kwendawo yokulahla amatye ayinkunkuma (ebizwa ngokuba yi-East OG WRD) kwiinxalenye ezidityiweyo ze-East Pit. I-East OG WRD ephakanyiswayo iza kugubungela umhlaba omalunga nama-72 ha.

2. USHWANKATHELO LWEZINTO EZIFUNEKAYO UKUZE KUGUNYAZISWE NENKQUBO YENDALO ESINGONGILEYO

Le Projekthi Ephakanyiswayo iza kufuna i-EA edityanisiweyo nokuhlaziya kwe-EMPr ekhoyo ngoku yeTharisa. Le Projekthi Ephakanyiswayo iquka imisebenzi edweliswe phantsi kweMiyalelo ye-EIA, Yowama-2014 (epapashwe phantsi kweSaziso Semiyalelo Karhulumente (GNR) 982 yowesi-4 kuDisemba 2014, ehlaziyiweyo), (ukususela ngoku eza kubizwa ngokuba yiMiyalelo Ye-EIA, Yowama-2014 (ehlaziyiweyo)), nemisebenzi yokulawulwa kwenkunkuma edweliswe phantsi koMthetho Welizwe Olawula Inkunkuma Kokusingqongileyo, 59 wowama-2008 (NEM:WA). Phantsi kweMiyalelo ye-EIA, Yowama-2014 (ehlaziyiweyo) ne-NEM:WA, imisebenzi edwelisiweyo ayivunyelwanga ukuba iqaliswe de kufunyanwe isigunyaziso esibhaliweyo kwigunya elifanelekayo, kule meko ke yiofisi ye-DMRE kwiPhondo LaseMntla Ntshona. Le projekthi ifuna i-EA edityanisiweyo ngokweCandelo 24 le-NEMA neCandelo 45 le-NEM:WA kwiofisi ekwiPhondo LaseMntla Ntshona ye-DMRE. NgokweCandelo 102 loMthetho Wophuhliso Lobuncwane Bezimbiwa Namafutha (MPRDA), i-EMPr ayinakuhlaziya okanye itshintshwe ngaphandle kwemvume yoMphathiswa Wobuncwane Bezimbiwa.

I-MPRDA, i-NEMA ne-NEM:WA zifuna ukuba umfaki-sicelo athumele iingxelo zokusingqongileyo ezifunekayo ngokwe-NEMA. IMiyalelo Ye-EIA, Yowama-2014 (ehlaziyiweyo) ebhengezwe ngokwe-NEMA ichaza inkqubo yokuhlola emele ilandelwe neengxelo ezifunekayo xa kufuneka ugunyaziso. Ngaphambi kokuba kuqaliswe iProjekthi Ephakanyiswayo kufuneka ezi zinto zilandelayo:

- I-EMPr ehlaziyiweyo ngokweCandelo 102 le-MPRDA evela kwiSebe Lobuncwane Bezimbiwa Namandla (DMRE);
- I-EA ngokwe-NEMA semisebenzi ekwi-Listing Notice 1 (GNR 983 yowama-2014) ne-Listing Notice 3 (GNR 985 yowama-2014), ehlaziyiweyo, evela kwi-DMRE. IMiyalelo Ye-EIA elandelwayo yi-Government Notice Regulation (GNR) 982 yowesi-4 kuDisemba 2014, ehlaziyiweyo. Imisebenzi edwelisiweyo eye yakho ngenxa yale projekthi ichazwe kwiCandelo 4.1.; kunye
- NeLayisenzi Yokulawula Inkunkuma ngokoLawulo Lokusingqongileyo Elizweni: Umthetho Wenkunkuma, 59 Wowama-2008 (NEM:WA) ukwenzela imisebenzi ekwiCandelo B (GNR 921 yowama-2013), ehlaziyiweyo.

Inkqubo ye-Scoping and Environmental Impact Assessment (S&EIA) iyafuneka ukuze inikele ngenkcazelo kwiProjekthi Ephakanyiswayo kwanoko kufunwa yimimiselo edweliswe ngasentla.

Ukongezelela, le Projekthi Ephakanyiswayo ifuna nogunyaziso lweSebe Lamanzi Nogutyulo (DWS) ukwenzelwa ukusetyenziswa kwamanzi kwisinto ezithile phantsi kweCandelo 21 le-NWA. Le Ngxelo ayizisingathi izinto ezifunwa yinkqubo yelayisensi yokusebenzisa amanzi. Yona iza kusingathwa njengexalenye yenkqubo eyahlukileyo kwi-DWS.

I-SLR Consulting (South Africa) (Pty) Ltd (SLR), inkampani ezimeleyo ye-Environmental Assessment Practitioners (EAPs), iye yamiselwa yi-Tharisa ukuba ilawule inkqubo ye-S&EIA ukwenzela leProjekthi Ephakanyiswayo.

Le nkqubo ye-S&EIA process ayizisingathi izinto ezifunwa yimithetho yempilo nokhuseleko emsebenzini.

3. EZINYE IINDLELA ZOKUQHUBA LE PROJEKTHI

Umda wamaLungelo oMgodi weTharisa awunasithuba saneleyo ngenxa yezakhiwo ezikhoyo zokubonelela ngeenkono. ITharisa Mine ingqongwe nayimida yezinye iinkampani zemigodi (iWestern Platinum Mine, iMarikana Platinum Mine neSamancor) kumda oseNtshona, eMntla naseMpuma wendawo yeTharisa Mining Right. U-N4 neefama zaseBuffelspoort zikuMzantsi weTharisa Mine. Ngenxa yoko indawo ezikuyo ii-WRD ezingakumbi ilawulwa sisithuba esifumanekayo kulo mhlaba walo mgodi.

Ukuze kuncitshiswe ukuphazamiseka kweprojekthi, iinxalenye zale projekthi ziza kuba kwiindawo ekwakukhe kwembiwa kuzo nakwiinxalenye eziye zaditywa zemigodi. Kucacile ukuba ayikho enye indlela yokuqhuba le Projekthi ebinokuqwalaselwa (okanye ebingenzeka).

Ezi ndlela zilandelayo zeteknoloji/zomsebenzi ziye zaqwalaselwa njengexalenye yale Projekthi Ephakanyiswayo. Ziquka ezi zinto zilandelayo:

- Ukuthutha amatye ayinkunkuma ngeelori asiwe kwenye indawo: Imigodi evulekileyo ngokuyintloko iquka ukususwa komhlaba ophezulu nemfumba yamatye nomhlaba, ukudrila nokuqhushumbiswa kweore, nokuthuthwa kwamatye ayinkunkuma ziilori. Ukuthuthwa kwamatye ayinkunkuma kungumjikelo kwaye kufuna kusetyenziswe iilori ezininzi ngenyanga. Ukunciphisa ixesha lomjikelo wokuthutha amatye ayinkunkuma kubangela kusetyenzwe kakhulu kwaye kuncitshiswe neendleko zokusebenza. Ukuba kufutshane kwale Projekthi Ephakanyiswayo kwimigodi evulekileyo kuza kubangela ukuba kusetyenzwe kakhulu, kunciphe iindleko zokuthutha kwaye kuncitshiswe nengxolo nefuthe lokuxinana kwezithuthi okuhamba nokuthuthwa kwamatye ayinkunkuma;
- Obunye ubuchule bokumba (umgodi ongaphantsi komhlaba): Umgodi ongaphantsi komhlaba usetyenziselwa ukufumana i-ore engaphantsi komhlaba ngendlela ekhuselekileyo, eyonga imali ngoxa iinkunkuma incinci kangangoko kunokwenzeka. Umgodi ongaphantsi komhlaba uyasebenza xa isiqu seore sisezantsi kakhulu ukuba simbiwe ngomgodi ovulekileyo. Isiqu se-ore esifunwayo kumgodi ongaphantsi komhlaba asikafikelelwa eTharisa, ngenxa yoko, obunye ubuchule bokumba abugqalwa njengento engaphumelela; kunye
- Nokuditywa kwemigodi evulekileyo ngamatye ayinkunkuma: ITharisa inesigunyaziso sokudiba ngokuyinxalenye imigodi evulekileyo ngamatye ayinkunkuma, le nto iyenziwa sithethanje ngaxeshanye nomsebenzi wokumba. Ukudiba imigodi evulekileyo ngamatye ayinkunkuma kumgodi waseTharisa kufikelele kumkhamo osikelweyo.

Kuyacaca ukuba ayikho enye indlela yokusebenza/itekoloji eye yaqwalaselwa kule Projekthi Ephakanyiswayo.

4. UKUTHATHA INXAXHEBA KUKAWONKE-WONKE OKWENZIWEYO UKUZA KUTSHO NAMHLANJE

Inkqubo yokuthatha inxaxheba kukawonke-wonke iqaliswe ngasekupheleni kodwama-2021. Inxaxheba kawonkewonke eyenziweyo ukuza kutsho namhlanje ibijoliswe ekufumaneni Abantu Abanomdla Nabachaphazelekayo (I&AP) nokwazisa ii-I&AP ngale Projekthi Ephakanyiswayo. Ukwazisa ii-I&AP ngale Projekthi Ephakanyiswayo kwenziwe ngokusasazwa kwenkcazelo (iintengiso, izaziso esizeni, amaphetshana, noxwebhu lwenkcazelo yemvelaphi (BID)) nangeentlanganiso ezijoliswe kule nto zikawonke-wonke. Ii-I&AP ziza kuqhubeka zibandakanyekile ngenkqubo yogunyaziso lokusingqongileyo

INgxelo Yeskowuphu iye yayasazwa ukwenzela ithuba lokwenza amagqabaza leentsuku ezingama-30 ukususela ngowe-18 Meyi ukuya kwi-17 Juni 2022 ukwenzela ukubonelela aBantu Abanomdla Nabachaphazelekayo (I&APs) ngamathuba okugqabaza ngayo nayiphina inkalo yeprojekthi kunye nezinto ezifunyaniswe kwinkqubo ye-S&EIA ukuza kuthi ga ngoku. Kuye kwabonelelwa ngesishwankathelo esingantsonkothanga kwii-I&AP's ngesiNgesi, i-Afrikaans, iSetswana nesiXhosa. Iikopi zengxelo epheleleyo neSishwankathelo Esingantsonkothanga (NTS) sikhona kwi-SLR website (ku <https://www.slrconsulting.com/en/public-documents/tharisa>) nakwiwebhusayithi ye-SLR yedatha yasimahla (ku <https://slrpublicdocs.datafree.co/public-documents/tharisa>). Iikopi ezifundwa ekhompuyutheni (ezikwi-compact disk) zale ngxelo ziyafumaneka kwi-SLR. Le Ngxelo Yeskowuphu iye yenziwa yafumaneka nakwi-DMRE ukwenzela iinjongo zokwenza izigqibo.

5. ITHUBA LOKUHLOMLA KWINGXELO YE-EIA

Iithuba lokuhlomla ngeNgxelo ye-EIA

Olu yilo lwe-EIA kunye ne-EMPr ziya kwenziwa zifumaneka kuphononongo lweentsuku ezingama-30 kunye nexesha lokubeka izimvo ukusuka 26 ngo-Okthobha 2022 ukuya 25 kuNovemba wama-2022. Iikopi zengxelo ziyafumaneka kwiwebhusayithi ye-SLR:

- <https://www.slrconsulting.com/en/public-documents/public-documents/Tharisa-WRD> Data-free website: <https://slrpublicdocs.datafree.co/en/public-documents/Tharisa-WRD> Iikopi zengxelo ziya kufumaneka ngekompuyutha kwi-CD, xa uye wazicela.
- Izishwankathelo zengxelo zathunyelwa nge-imeyile kwii-I&APs ezibhalisiweyo nabasemagunyeni. Ukongeza, ii-I&APs ziye zaziswa ngeSMS xa ingxelo ifumaneka ukuba iphononongwe.

6. IMEKO YENDALO ESINGQONGILEYO YEZISEKO ZEZINTO ZEBHAYOLOJI NOMHLABA ECHAPHAZELEKILEYO YIPROJEKTHI EPHAKANYISWAYO

IJIYOLOJI YASEKUHLALANI

Umgodi weTharisa umi kumzantsi ntshona wecandelo le-BIC kwicandelo laseMarikana. Icandelo laseMarikana lahlulwe kwicandelo laseBrits ukuya empuma ligophe laseWolhulterkop kunye necandelo laseRustenburg ngasentshona yiSpruitfontein ngasemantla (bona uMfanekiso 10 2). I-ore ore ekujoliswe kuyo yi-Middle Group (MG) Chromitite Layers (MG1 -MG4). I-MG Chromitite Layers iphumela ngaphandle kwifama 342 JQ egugutha ngasempuma - entshona kwaye iye kutshona nge-12-15 ° ukuya emantla. Ukuya kumda osentshona ethi gqi kuwo ubume bomhlaba buthande ukucutheka, kwaye iya itshonela ngamandla, yenjenjeya ukutshintsha inqumla kumantla-ntshona- nakumzantsi-mpuma. Iyonke iphakheji ye-MG inobubanzi be -47 m kwinxalenye esempuma ye-342 JQ ize itsobhe nge -25 m ukuya entshona kufutshane necala elivulekela ngase-Spruitfontein.

UBUME BENDALO XA UYIVELELA NGASENTLA

Eneneni, ummandla onqongwe uMgodi weTharisa unethafa elithe tyaba elinethambeka elingekho mqeongqelezi kakhulu (1%) ukuya emantla. Udederhu lweeNtaba zeMagaliesberg zimalunga neekhilomitha ezi-2 kumazantsi omgodi. Iinkcochoyi kulo mmandla weeNtaba zeMagaliesberg zinyuka ziye malunga ne-1 400 mamsl.

Ubume bendalo kufutshane noMgodi weTharisa bunezi zinto zilandelayo kunye neempawu:

- Imisebenzi yokwembiwa kwemigodi eyenziwa nguMgodi wePlatinam waseMarikana ngasentshona, uMgodi wePlatinam weNtshona ukuya emantla kunye noMgodi we-Samancor Western Chrome ngasempuma.
- Imisebenzi enxulumene noluntu enxulumene noluntu lwaseBokamoso (ekwimpuma ye-Far East WRD)
- Umlambo omde iSterkstroom River, ophakathi koMgodi waseMonti noMgodi waseNtshona, oqukuqela kwicala elingasemantla omelene no-D1325 (Marikana Road).
- U-N4 omi kanye kumazantsi oMgodi weTharisa kunye nemisebenzi enxulumene nokulima

Indawo yeProjekthi eCetywayo eyayanyaniswa ne-East OG WRD kunye ne-West OG WRD, itshintshiwe ngenxa yemisebenzi ekhoyo enxulumene nokumbiwa kwemigodi enxulumene nomgodi waseNtshona neMpuma. Ubume bendalo bendalo obunxulunyaniswa ne-West OG WRD iye yaphazanyiswa yaza yatshintshwa ngenxa yemisebenzi ekhoyo yokwembiwa kwemigodi eyayanyaniswa noMgodi waseNtshona nemisebenzi enxulumene noluntu (ingakumbi iMaditlhokwa)

IMOZULU

Le ndawo itshisa kakhulu ehlotyeni, itshisa ukuya kutsho kwi-36.4°C kwinyanga kaOkthobha. Amaqondo obushushu ebusika aphantsi kakhulu ingakumbi kwiinyanga zikaMeyi ukuya kuJulayi. Ukuna kwemvula kubalulekile xa kuphononongwa ungcoliseko lomoya kuba iba yindlela ephumelelayo yokususa izingcolisi zomoya kwaye inqanda ukuqhuma kothuli olunokwenzeka. Iinyanga apho imvula ine kakhulu ukususela ngo-Okthobha ukuya kuAprili. Iyonke imvula ena ngonyaka kwisiza seProjekthi inikezelwa phakathi kwama-873 mm kunye nama-939 mm.

Umyinge wokubhudla komoya uvela kakhulu emazantsi nasemantla, uze ube nexesha lokuzola le-7.6%. Ukubhudla komoya emini ikakhulu kusuka emantla, ukusuka emntla-ntshona ukuya kumntla-mpuma kunye ne-5.1% yeemeko zokuzola. Ebusuku, ukubhudla komoya kutshintshela emazantsi nakumazantsi-ntshona asezantsi kunye nemimoya engabikho rhoqo evela kwicandelo elisezantsi-mpuma. Ubukhulu becala bokuzola ebusuku kuye kunyuke kuye kutsho kwi-10.3%.

Ngexesha lasehlotyeni, ukubhudla komoya akufani ngokwamacala oya ngakuwo xa ujonga umoya oxhaphakileyo wecandelo lasemntla-mpuma. Ukubhudla komoya kutshintshela emazantsi ngexesha lasekwindla, kukho imimoya exhaphakileyo yasemazantsi ebusika. Ngexesha lasentlakohlaza, imimoya yasemntla iyanda ngokufuthi ukuya emantla ukuya kumntla-mpuma.

UMGANGATHO WOMOYA

Eyona ndawo ehlala abantu ekufutshane kuMgodi weTharisa kunye neProjekthi Ephakanyiswayo yiMaditlhokwa neLapologang, yona iolophu yaseMarikana imalunga ne-1.5 km kumntla womda wamalungelo omgodi. Kukho neefama zabantu ezingongwe le ndawo yeprojekthi.

Kule ngingqi kuyasetyenzwa kwembiwa imigodi kusetyenzwa ngezinto ezembiweyo, kukho amafama neendawo ezihlala abantu. Oku kusetyenziswa komhlaba kunegalelo kugxininiso longcoliseko olusisiseko ngokukhutshwa kongcoliso yimibhobho yesithuthi, ukutshiswa kwamafutha ezindlini, ukutshiswa kwe-biomass kumazwe angasentla koMzantsi Afrika, kwaye kuye kwafunyaniswa kunegalelo kumasuntswana

amancinane adibene ndawonye phakathi kwimida yoMzantsi Afrika. (i-Andreae, et al., 1996; Garstang, Tyson, Swap, & Edwards, 1996; Piketh, Annegarn, & Kneen, 1996).

Umgodi weTharisa unendlela yokubekesweni uthuli kwaye uye wenze iisampuli ze-NO₂ ne-SO₂. Idatha eye yahlolwa yomgangatho womoya okufutshane iphelele kwixesha likaJanuwari ukuya kuMatshi ka-2021 kunye noJanuwari ukuya kuMatshi 2022. Zombini i-NO₂ kunye ne-SO₂ zihlolwe ngokuchasene neMigangatho yoMgangatho woMoya we-National Ambient (NAAQS) ngelixa uthuli luhlolwe kwi-National Dust Control Regulations (NDCR).

Kufuneka kuqatshelwe ukuba ukumejarishwa komoya okufutshane kuquka nomoya ovela kwingingqi esikuyo, hayi umgodi kuphela.

IMIHLABA NESAKHONO SOMHLABA

Ummandla wonke we-East Above Ground WRD umi kwindawo ephazamisekileyo ngenxa yemigodi evulekileyo eqhubekayo kunye nemisebenzi yokulahla inkunkuma yamatye. Ukanti inxalenye ebalulekileyo yommandla we-WRD weWest Above Ground iye yaphantsi kophazamiseko olukhulu ngenxa yemisebenzi yemigodi efanayo. Ifomu yomhlaba eyayanyaniswa neendawo eziphazamisekileyo yahlelwa njengohlobo lomhlaba waseWitbank ngelixa iindawo ezombiweyo apho kungekho mhlaba ukhoyo zahlelwa njengemo yomhlaba waseCullinan. Iziqwenga ezishiyekileyo zomhlaba wendalo ngaphakathi kwendawo ye-West Above Ground zahlelwa njengohlobo lomhlaba lwe-Acardia (i-black turf).

Uhlobo lomhlaba wase-Witbank lubonwa njengesakhono esiphantsi kakhulu sokulima ngenxa yomhlaba othe waphazamiseka ngenxa yokungenelela kwabantu.

IYANTLUKWANO KWINDALO

Ummandla wophononongo uphakathi kweentlobo ezimbini zezityalo, ezizezi, iMarikana Thornveld esempuma kunye neMoot Plains Bushveld esempuma, o.k.k.t. uhlobo lotyani ekuthethwa ngalo. Lilonke, indawo olukuyo kule ndawo ibiphononongwa igcwele iindawo ezitshintshiweyo (ngenxa yemisebenzi yemigodi) apho utyani obugqumayo busuka kwindawo ephantse yangabikho ukuya kutsho phantsi. Xa uhlaza lwalukhona, lwalulawulwa zizityalo ezingaqhelekanga nezihlaselayo (AIP) kunye/okanye neentlobo zezityalo zomthonyama ezithanda iindawo zokuhlala eziphazamisekileyo. Ngenxa yenqanaba lenuqu kummandla wophononongo ngenxa yemisebenzi yemigodi, ubukho bezityalo zemveli kwaqinisekiswa ukuba azikho.

AMANZI APHEZU KOMHLABA

I-Sterkstroom esingumlambo omde siqukuqela sisuka kwiDama laseBuffelspoort, emazantsi e-N4, ngokwenza imisebenzi yemigodi, phakathi kwemmandla yemigodi yaseMpuma neNtshona. Imilambo engenelelayo engenamagama yeBrakspruit isuka kumntla-ntshona womgodi kwaye ikhuphela kwicala elingasentshona lommandla weLungelo leMigodi. Ukwembiwa komngxuma osentshona kwenzeka phakathi kwemithombo yale misinga. Amanzi ommandla wemigodi osemipuma atsalwa yimijelo emibini engekho mide eye iye kungenelela eMaretlwane. Ukumbiwa kwe-East Pit kwenzeka ngaphakathi kwentloko yale mibhobho yamanzi. Kwikona ekumzantsi-mpuma womgodi, umsinga we-Elandsdriftspruit elaphuma kanye emazantsi omgodi, liwela phakathi kwendawo ye-TSF 2. Ukuphambuka kwalo msinga kuye kwaquka kwingxelo evunyiweyo ye-EIA ne-EMP (Metago, 2008).

Akukho nanye kwii-WRDs eziphakanyiswayo eya kunqumla imijelo yamanzi ahlala ixesha elide okanye engapheliyo kuMgodi waseTharisa. Ngokuphathelene noku, i-East OG WRD imalunga nama-260 m ukusuka kwi-Sterkstroom kwaye i-West OG WRD imalunga ne-267 m ekuMazantsi ukusuka kwimisinga yase-Brakspruit.

Amanzi aphuma kumlambo iSterkstroom asetyenziswa luluntu lwasekuhlaleni ukwenzela kwiinjongo zasekhaya ezifana nokuhlamba nokuhlamba, ukuseza imfuyo kunye neenjongo zezolimo. Umjelo

wokunkcenkceshela uhamba ukusuka emantla ukuya emazantsi, ecaleni komda osempuma we-TSF1. Akukho basebenzisi balo mjelo wokunkcenkceshela emazantsi omlambo we-TSF.

INTSEBENZISWANO YENDALO KUMANZI ACOCEKILEYO

Uvavanyo lwesiza lwenziwa ngomhla wama-26 kuAprili ka-2022 ukuya ekupheleni kwexesha lemvula yasehlotyeni ukuze kungqinwe iMeko Yendalo yokusebenzisana kwendalo kumanzi acocekileyo phakathi kwi-500 m yendawo yophononongo, kunye nokuqinisekisa ukuba inkqubo yokuphilisana kwendalo yamanzi acwengileyo ayikho kwindawo yophononongo. Ii-WRDs eziphakanyisayo ziya kuba phakathi kweendawo ezikhoyo eziphazanyisiweyo (zokumbiwa kwemigodi evulekileyo), kwaye ke ngoko akukho nkqubo yamanzi ahlaziyekileyo eyenzeka ngokuthe ngqo kwindawo yophononongo. Nangona kunjalo, imigxobhozo emibini ekumazantsi entlambo imi kanye kumntla weWest Above Ground WRD ecetywayo, kwaye uqikelelo lwekhilomitha enye yokufikelela kuMlambo iSterkstroom imi malunga nama-235 m kwintshona ye-East Above Ground WRD.

Imigxobhozo yayikhe yavavanywa ngaphambili yi-SAS (2013) yaza yafunyaniswa ukuba ilungiswe ngokuphakathi ngelo xesha; nangona kunjalo, ukuthembeka kwezendalo kwimigxobhozo kuye kwehla kwaye ngelo xesha lolu vavanyo ngoMeyi ka-2022, yafunyaniswa iguquliwe ngokunzulu (ihanjiswa ngumhlaba osemazantsi kwimigxobhozo) kwaye uhlehlengiswe kakhulu (engahanjiswa ngemigxobhozo engaphantsi kwentlambo).

1 Ingcaciso ye-NEMA yemifuno yomthonyama: “Imifuno yomthonyama: kuthethwa ngemifuno enezityalo zomthonyama ezizivelela ngokwazo kwindawo ethile, kungakhathaliseki ukuba kukho amaveza ndlebe amaninzi kangakanani na kaye kulapho umhlaba ophezulu ungakhange uphazanyiswe ngokusemthethweni ebudeni beminyaka eli-10 engaphambili.

Umlambo iSterkstroom wawukhe wavavanywa yi-SAS (2013) kunye neThe Biodiversity Company (TBC). Ngexesha lonke lovavanyo olwenziweyo, kubandakanywa olu vavanyo, umlambo uthathwa njengoye watshintshwa kancinane. Iziphumo zovavanyo zishwankathelwe kwisicangca engezantsi:

AMANZI ASEMHLABENI

Umgodi weTharisa wandlalelwe ngamatye akwaziyo ukubamba amanzi angekho nzulu kwaye ikhona nendao enala matye enzulu. Owona mthwalo unzima uye wahluke ngokobubanzi ukususela kwi-3m ukuya kobungaphezu kwama-30 m ngokusekwe kumaqula akhoyo nobungqina bobunzulu bala maqula. Amatye akwindawo enzulu achachambileyo aneendawo ezingakwazi ukugcina amanzi, ezikonektheke kakubi/ezichachambileyo nee-dolerite/diabase dykes (enokuthi isebenze njengemiqobo ekuhambeni kwamanzi aphantsi komhlaba).

Uninzi lwamanzi aphantsi komhlaba kummandla obanzi asetyenziswa ngendlela yamaqula ombiweyo avela kwabanye abantu athi asetyenziselwe iinjongo zezentlalo nezolimo (imfuyo nokunkcenkceshela). Amatye agcina amanzi emozulu, kwakunye yomntu wesithathu. Uninzi lwamaqula asetyenziselwa iinjongo zasekhaya nezolimo (imfuyo nokunkcenkceshela). Amatye agcina amanzi anentlenge kunye ahamba ecaleni koMlambo iSterkstroom, ixhasa uninzi lwemingxuma yokunkcenkceshela kunye nemithombo yamanzi asekhaya kuwo wonke ummandla (SLR, 2014). Amaqula (amaqula asekuhlaleni/iqela lesithathu) abekwe ngaphakathi kwindawo yeLungelo leMigodi yaseTharisa isetyenziselwa iinjongo zasekhaya kunye nezolimo (imfuyo nokunkcenkceshela).

INGXOLO

Umgodi weTharisa ukwisithili apho ubume bengxolo ekhoyo sele ichatshazelwa kushishino kunye nemisebenzi yezoqoqosho, ethe ekuhambeni kwexesha, ikhokelele ekwandeni kwengxolo yezithuthi ezindleleni nengxolo eveliswa yimisebenzi yemigodi emandla. Ingxolo yezothutho ezindleleni isuka ku-N4 nakwiindlela zesibini, ezifana no-D1325 phakathi kweBuffelspoort neMarikana. I-N4 ineenyawo ezibanzi zengxolo. Unempembelelo ebalulekileyo kubantu abahlala ngaphakathi kommandla omalunga ne-1.2 km

nakweliphi na icala lendlela kwaye ivakala ngokucacileyo kuninzi lommandla wophononongo. Ukongeza, ingxolo yemigodi ichaphazela uluntu kwindawo ekufutshane yemigodi.

OKUBONWA NGAMEHLO

Ukudityaniswa kwemigodi, ezolimo, umhlaba ovulekileyo kunye noluntu, kwenza kubonakale ukuba le ndawo yeyophononongo. Iquka iintlobo ngeentlobo zosetyenziso lomhlaba oluqhelekileyo kwinqila ekhokelela kumhlaba obonisa isimilo esilungileyo esincinci, ngenxa yobungqina obukhulu bokugququlwa kunye nokuthotywa kweempawu zayo zendalo. Uluvo lwesiphumo lwendawo lubuthathaka kwaye luxubene neempawu.

IProjekthi Ephakanyiswayo iyabonakala kummandla womhlaba ovele ngaphantsi phaya kwindawo apho bukhoyo ubuncwane. Ukuveliswa kwe-WRDs phakathi kwi-MRA kunye neendao ezikufutshane kakhulu kwindawo ekusetyenzwa kuyo emgodini, akuyi kubangela utshintsho olukhulu kwindlela umhlaba omi ngayo

UBUNCWANE BELIFA LEMVELI/INKCUBEKO NOBEZINTO EZEMBIWEYO

Xa kujongwa indlela okunochuku ngayo ukwemba kwe-SHRIS Palaeo, ummandla ophakanyiswayo apho kuye kuvele intlenge engenachuku kwaphela kwezokwembiwa kwezinto zamandulo. Ngenxa yoko, akunakwenzeka ukuba ukongezwa kwenkunkuma yelitye kube nefuthe elibonakalayo kwilifa lezinto zamandulo ezembiwayo kwaye akukho futhe libhekele phaya kwilifa okucetywayo kokugcinwa kwenkunkuma eyongezelelweyo kuya kuba nefuthe kwilifa lemveli elibalulekileyo lezidalwa zamandulo kwaye akukho luphononongo lulolunye lweempembelelo kwilifa lezidalwa zakudala olucetyiswayo.

Kuphononongo olugqitywe nguPistorius (2009) kuMgodi waseTharisa, kuqatshelwe ukuba ezi zibonelelo zelifa lemveli zilandelayo ezikhoyo ngaphakathi kwendawo yomgodi: lindawo zokuhlala ezibiyelwe ngamatye ezisusela kwi-Late Iron Age; Izakhiwo zembali ezifana nezindlu zasefama ezinezakhiwo zangaphandle, iziseko zophuhliso lwezolimo kunye van Rensburg School (ngoku esibizwa ngokuba yi-Retief Primary School); Ubuncinci amangcwaba amathandathu kunye nezinto ezibalulekileyo ngokwamafa emveli ezifana nezixhobo zezolimo eziphelelwe lixesha nezilahliweyo.

Akukho nanye kwezi sayithi zaziwayo ekulindeleke ukuba sibe nefuthe kuyilo olucetywayo lwendawo zokugcina inkunkuma yamatye.

EZENTLALO NOQQQOSHO

Umgodi weTharisa ukuMasipala weSithili saseBojanala kunye noMasipala weNgingqi waseRustenburg kwiPhondo laseMntla Ntshona. Iidolophu ezikufutshane kulo mgodi ziidolophu zaseMarikana neMooi, ezinze malunga ne-4 km kumntla-ntshona kunye ne-6 km kumzantsi-mpuma woMgodi weTharisa, ngokulandelelanayo. Iqaqobana labantu elifana nabo basuka kwilali yaseLapologang (480 m kumazantsi e-West Pit), iMmaditlhokwa/Silver City (cebu kuhle kumntla weWest Pit) kunye neBuffelspoort (450 m emazantsi ku-N4) zibekwe kufutshane nomgodi. Amanye amaqela ahlukeneyo abahlali bomhlaba/amatyotyombe akwindawo ekufutshane.

UMasipala weSithili unokuchazwa ubukhulu becala njengendawo yasemaphandleni enoxinano oluphantsi kakhulu lwabemi nto leyo eyenza ukuba ubonelelo ngeenkonzo ezisisiseko lube nzima kakhulu kwaye lubize kakhulu. Kuqikelelwa ukuba isithili sinezi ntlobo zeendawo zokuhlala zilandelayo: ezininzi kakhulu- 19.24%, ezisesikweni - 50.05%, ezingekho sikweni- 29.45%, zemveli- 0.58% kunye nezinye iindidi zokuhlala- 0.67%. UMasipala weNgingqi unenani eliphezulu lomlinganiselo kunye nelona nani lamakhaya ahlala kumatyotyombe, xa kuthelekiswa nabanye oomasipala bengingqi. KuMasipala weNgingqi, kuqikelelwa ukuba malunga ne-30% yamakhaya ahlala kumatyotyombe.

UKUSETYENZISWA KOMHLABA

Ngokusekwe kuqwalaselo ngexesha lovavanyo lwesiza, owona mhlabha ungunoqo osetyenziswayo phakathi kweendawo eziphakanyiswayo ze-WRD yimisebenzi enxulumene nemigodi. Akukho misebenzi yezolimo ijongiweyo kwindawo ekufutshane yeendawo zeenyawo.

7. UHLOLO LWEFUTHE

Uluhlu lwezinto ezibalulekileyo ezinokuba nefuthe eziboniweyo zikolu ludwe lungezantsi. Inqanaba lomngcipheko oshiyekileyo emva kolawulo okanye ukuthomalalisa, elinxulunyaniswa neProjekthi eCetywayo, nalo liyaqikelelwa. Uvavanyo lwempembelelo oluneenkukacha lunikiwe kwiSihlomo E.

UMSEBENZI	IFUTHE ELINOKUBAKHO	IMBALULEKA xa ingenakuthethe leleka	IMBALULEKA ukuba iyathetheleleka
Ukuseka inkunkuma yamatye kwiindawo esele zidityiwe ze-East Pit (East OG WRD kunye ne-West OG WRD).	Ilahleko kunye nokuvalwa kobutyebi bezimbiwa	Iphakathi	Iphantsi
Ukuseka inkunkuma yamatye kwiindawo esele zidityiwe ze-East Pit (East OG WRD kunye ne-West OG WRD)	Imilinganiselo yemigangatho yemihla ngemihla ye-PM10 elinganisiweyo (ii-GLCs), kunye nemilinganiselo yokunciphisa ekhoyo ngoku, ayihambelani ne-NAAQS kwinxalenye yoLuntu lwaseMadihlhokwa nakumntla-mpuma womda wamalungelo okumbiwa kwemigodi, kodwa azikho ezinye ii-AQSRs. Umdilili wonyaka wee-GLCs ziyahambelana ne-NAAQS kuzo zonke ii-AQSRs, ngaphandle koLuntu lwaseMadihlhokwa. Ugxininiso lwemihla ngemihla lwe-PM2.5 olulinganisiweyo lomgangatho womhlaba (GLCs), kunye nemilinganiselo yangoku yokunciphisa ekhoyo, ayihambelani ne-NAAQS yommandla osemntla-mpuma womda wamalungelo okumba (ubukhulu becala phezu kweWRD), kodwa hayi naziphi na ii-AQSRs. Ngaphezulu komyinge wonyaka ii-GLCs zingaphakathi kwe-NAAQS kuzo zonke ii-AQSRs	Iphezulu	Iphakathi
Ukuseka inkunkuma yamatye kwiindawo esele zidityiwe ze-East Pit (East OG WRD kunye ne-West OG WRD)	Ii-PM10 zemihla ngemihla ze-GLCs, kwimisebenzi engancitshiswanga, kusenokwenzeka ukuba zigqithe kwi-NAAQS kumgama ongange-3.5 km ukusuka kumda wamalungelo okumbiwa kwemigodi kwicala elingasempuma kwaye malunga ne-1 km ukuya entshona nangasentla. Ii-PM _{2.5} daily GLCs, kwimisebenzi engancitshiswanga, kusenokwenzeka ukuba zigqithe kwi-NAAQS kumakhulu ambalwa eemitha ngaphandle komda wamalungelo okumba	Iphezulu	Iphakathi
Ukuseka inkunkuma yamatye kwiindawo esele zidityiwe ze-East Pit (East OG WRD kunye ne-West OG WRD)	Ukuminxeka komhlaba	Iphakathi	Iphantsi Kakhulu
Ukuseka inkunkuma yamatye kwiindawo esele zidityiwe ze-East Pit (East	Iimpembelelo kuMgangatho waManzi- Ngenxa yokungabikho kwemilinganiselo yothintelo longcoliseko ubunzulu bempembelelo enokubakho	Iphezulu	Iphantsi

OG WRD kunye ne-West OG WRD)	kulindeleke ukuba buphakame		
Ukuseka inkunkuma yamatye kwiindawo esele zidityiwe ze-East Pit (East OG WRD kunye ne-West OG WRD)	Ungcoliseko lwenkqubo yamanzi aphantsi komhlaba	Iphantsi	Iphantsi Kakhulu
Ukuseka inkunkuma yamatye kwiindawo esele zidityiwe ze-East Pit (East OG WRD kunye ne-West OG WRD)	Ukuthotywa kwamanzi kunye nokulahleka kwesivuno esivela kwimingxuma ye-I & AP ekufutshane nophuhliso lwemigodi (eMazantsi e-West Pit) ngenxa yefuthe elikhulu le-ZOI	Iphezulu	Iphantsi
Ukuseka inkunkuma yamatye kwiindawo esele zidityiwe ze-East Pit (East OG WRD kunye ne-West OG WRD)	Ukunqongophala kwamanzi nokulahlekelwa ngamanzi aqukuqela evela kumaqula ukwenzela uphuhliso lwemigodi (amatyotyombe aseMarikana) ngenxa yefuthe elikhulu leZOI	Iphezulu	Iphantsi
Ukuseka inkunkuma yamatye kwiindawo esele zidityiwe ze-East Pit (East OG WRD kunye ne-West OG WRD)	Isiphumo sokutsala amanzi kwiSterkstroom ngenxa yokuphungula amanzi ngomgxuma ovulekileyo ovela eMpuma nakwiWest Pit.	Iphezulu	Iphantsi
Ukuseka inkunkuma yamatye kwiindawo esele zidityiwe ze-East Pit (East OG WRD kunye ne-West OG WRD)	Ubukho bekonekshini yehayidroliki phakathi kwe-East Pit ne-Samancor Underground kunye nokuvuzela kwamanzi kwi-East Pit.	Iphakathi	Iphantsi Kakhulu
Ukuseka inkunkuma yamatye kwiindawo esele zidityiwe ze-East Pit (East OG WRD kunye ne-West OG WRD)	Ungcoliso kumanzi aphantsi komhlaba naphezu komhlaba ngenxa yokuthuthwa kwe-Nitrate kwiinawo ezikhoyo ngoku nezintsha	Iphakathi	Iphantsi
Ukuseka inkunkuma yamatye kwiindawo esele zidityiwe ze-East Pit (East OG WRD kunye ne-West OG WRD)	Ilahleko yezityalo ezikhulayo nezinto ezahlukeneyo zendalo	Iphakathi	Iphantsi
Ukuseka inkunkuma yamatye kwiindawo esele zidityiwe ze-East Pit (East OG WRD kunye ne-West OG WRD)	Ukulahlekelwa zizidalwa eziphilayo kunye neentlobo zezidalwa kwiNdawo Eziphila Kuyo Eguqulweyo	Iphakathi	Iphantsi Kakhulu
Ukuseka inkunkuma yamatye kwiindawo esele zidityiwe ze-East Pit (East OG WRD kunye ne-West OG WRD)	Ukulahlekelwa zizidalwa eziphilayo neentlobo zezidalwa	Iphakathi	Iphantsi
Ukuseka inkunkuma yamatye kwiindawo esele zidityiwe ze-East Pit (East OG WRD kunye ne-West OG WRD)	Ukulahlekelwa zizidalwa eziphilayo neentlobo zezidalwa	Iphakathi	Iphantsi Kakhulu
Ukuseka inkunkuma yamatye kwiindawo esele zidityiwe ze-East Pit (East	Imbaluleko yenqanaba lengxolo lokwakha linefuthe kwii-NSRs ezikufutshane ijongwa njengengephi (kungakhange kubekho nto ithethelelayo). Ngenxa yokusondelelana kwee-	Iphakathi	Iphakathi

OG WRD kunye ne-West OG WRD)	NSRs (kuqikelelwa ukuba inani lee-NSRs zingathuthwa), akunakwenzeka ukuba imbaluleka iza kuncipha ngaphandle kokuba abahlali baseMmaditlhokwa nabaseLapologang bangathuthwa.		
Ukuseka inkunkuma yamatye kwiindawo esele zidityiwe ze-East Pit (East OG WRD kunye ne-West OG WRD)	Imbaluleko yengxolo yenqanaba lokusebenza kwii-NSRs lijongwa njengeliphezulu	Iphezulu (H)	Iphakathi
Ukuseka inkunkuma yamatye kwiindawo esele zidityiwe ze-East Pit (East OG WRD kunye ne-West OG WRD)	Imbaluleka yokuvalela nokupheliswa kwemisebenzi ethile ifuthe kwii-NSRs ezifkufutshane (kuqikelelwa ukuba akukho zi-NSRs ezifudusiweyo) lijongwa njengeliphakathi	Iphakathi	Iphakathi
All activities involving employment and procurement of goods and services	Ukuthengwa kweempahla neenkonzo zasekuhlaleni ngumgodi, abaphangeli neekontraka ziza kukhuthaza ushishino lwasekuhlaleni kwaye kudalwe amathuba okwenza ushishino.	Iphakathi +	Iphakathi +

8. IMILINGANISELO ETHETHELELAYO

Uludwe olupheleleyo lwezinto ezithethelelayo ukulawula ifuthe elichazwe ngasentla zichazwe apha ngezansi kwi-EMPr.

Umfanekiso 1: Ubume beningqi

Umfanekiso 2: Ubume basekuhlaleni

I-THARISA MINERALS (PTY) LTD

ISISHWANKATHELO SENXELO YOHOLO LWEFUTHE LEPROJEKTHI YOKUGCINWA KWENKUNKUMA YELITYE E-THARISA MINE KWINDALO ESINGQONGILEYO

OKTOBHA 2022

IINKUKACHA NABACHAPHAZELEKAYO	ZABANTU	ABANOMDLA	UMHLA	
IGAMA				
UMBUTHO/INKAMPANI				
IADRESI YEPOSI				
		IKHOWUDI YEPOSI		
INOMBOLO YEFOWUNI				
IADRESI YE-E-MAIL				
NCEDA UNDBHALISE NJENGOMNTU ONOMDLA NOCHAPHAZELEKAYO (I-I&AP) UKWENZELA UKUBA NDFUMANE INKCAZELO ENGAKUMBI NEZAZISO EBUDENI BENKQUBO YOKUGUNYAZISWA YENDALO ESINGQONGILEYO	EWE	HAYI		
UNGATHANDA UKWAZISWA NGAYIPHI INDLELA?	NGE-E-MAIL			
	NGEPOSI			
	NGE-SMS			

SICELA UHLOMLE APHA UZE UBUZE IMIBUZO APHA (nceda usebenzise nephepha elongezelelekileyo ukuba unqwenela njalo)

SICELA NIFAKE NABA BALANDELAYO ENDIPHANGELA NABO/ABAHLOBO BAM/ABAMELWANE BAM NJENGEE-I&APS UKWENZELA LE PROJEKTHI:

Nceda ubuyisele iifomu ezigwalisiweyo ku:

SLR contact: Chané Coetzee

I-Email: ccoetzee@slrconsulting.com

Ngokunikela inkcazelo yakho siqu ubhalisa njenge-I&AP kule projekthi oko kuthetha ukuba uyavuma ukuba i-SLR isebenze ngenkcazelo yakho ngokuvisisana noMthetho 4 Wokhuselo Lwenkcazelo Yobuqu wowe-2013. Oku kuquka ukuyigcina, ukusebenzisa iNkcazelo Yakho Yobuqu kwindawo apho sigcina amagama wabo bakwezi ESIA kunye/okanye nezinye, ukudiza oko kukwidatha yethu kwabanye abagunyazisiweyo kuquka nabo bafaka izicelo besenzela ezomthetho, kuquka nayo nayiphina imbalelwano yeeNgxelo ze-ESIA. Usenokucela ukuba kuba iNkcazelo Yakho Yobuqu idilithwe kwindawo yedatha yale Projekthi okanye ucele oko uye wahlomla ngako kukhutshwe kwiindawo zedatha zeProjekthi okanye oko uye wahlomla ngako kukhutshwe kwiNgxelo ye-ESIA ngalo naliphina ixesha ngokuthi uqhagamshelane ne-SLR.

ENKOSI NGEGALELO LAKHO!!!